



URhulumente
weNtshona Koloni



ISebe looRhulumente Basekuhlaleni

Isicwangciso Sokusebenza Sonyaka
2024/25

URhulumente weNtshona Koloni

**ISebe looRhulumente
Basekuhlaleni**



**Isicwangciso
Sokusebenza
Sonyaka**

2024/25

Esi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka sinezicwangciso zeSebe lam, kunyaka wokugqibela womjikelo wocwangciso lukarhulumente. Kukho izinto ezintle ezenziweyo ukuxhasa oomasipala ukuba bafezekise amasukelo abo, kodwa kufuneka kwenziwe okungakumbi ukukhusela ukunikezelwa kweenkonzo.

Ingxelo Yomphicothi Jikelele woMzantsi Afrika, ngokusebenza koomasipala kunyaka-mali kamasipala ka-2021/22, ibonisa ukuba iNtshona Koloni inoomasipala abayi-19 kwabayi-38 eMzantsi Afrika abafumana iziphumo zophicotho ezicocekileyo. Nangona le iyimpumelelo ebalulekileyo, umntu akakwazi kukubetha ngoyaba ukuba oomasipala abaliqela baqhubeka bewohloka kwindlela abaqhuba ngayo ngemali ngoku, nomlinganiselo wemali engaphantsi kwemigangatho ebekwe Ngunondyebo kaZwelonke. Iya icaca into yokuba oomasipala kwiPhondo banamazinga ahlukeneyo okungazinzi, oku kubaluleke ngakumbi koomasipala abalawulwa ngoorhulumente bomanyano. Le nto ichaphazela ukunikezelwa kweenkonzo ize iphazamise ubomi obuphilwayo kwiindawo abanikezela ngeenkonzo kuzo. Isebe liza kuqinisa inkxaso yalo koomasipala ukuze likhusele ukunikezelwa kweenkonzo, xa kuthathelwa ingqalelo ukusekwa kwengxowa-mali yongxamiseko enikezelweyo eya kunika iSebe ithuba lokusebenzisa izixhobo eziyimfuneko koomasipala ukuqinisekisa ukuba ukunikezelwa kweenkonzo kuyaqhubeka. Amagunya angakumbi acetyiswa Kumqulu Olungisiweyo Wokuhlola Nokuxhasa Oomasipala baseNtshona Koloni, 2023 oza kwenza oomasipala babekwe esweni ukuze bafunyanwe kwangethuba, kwaye bajongane nemingcipheko enxulumene, nobuqhetseba, urhwaphilizo, ukungaphathwa kakuhle, nokungaziphathi kakuhle.

Okuphawulekayo kubalo lwabantu lwamvanje, lizinga elikhula ngalo inani labantu bePhondo, eliphakame kancinci xa kuthalekiswa namanye amaphondo. Oku kunemiphumo emikhulu ekunikezelweni nasekucwangcisweni kweenkonzo ingakumbi ngenxa yobunyani bobuhlwempu, ukungalingani, kunye nentswela-ngqesho ejongene noluntu lwethu. Oku kuthetha ukuba urhulumente akanakukwazi ukukhululeka. Kubalulekile ukuba siqhubeke siphucula iinzame zethu zokuphucula ukufikelela kwabemi kwiinkonzo kunye nokudala amathuba, ngakumbi kumaqela asemngciphekweni kwiindawo zethu. Eyona nto iphambili kwezi nzame kukuphendula isidingo esiqhubekayo sokubandakanya abemi malunga nokunikezelwa kweenkonzo kunye nemiba enxulumene nohlahlo-lwabiwo mali kunye nokulwa ubundlobongela obusekelwe kwisini kunye nokulingana ngokwesini.

Njengephondo, sijamelene nomngeni omkhulu ebomini bethu – utshintsho lwemozulu luphezu kwethu ngokupheleleyo kwaye lufuna ukuba sitshintshe iindlela zethu zemveli kwaye samkele iindlela ezintsha zokuphila. Oku kungqinwa luthotho lweziganeko ezinxulumene



Mnu AW Bredell

nemozulu ezenzeka kwiPhondo ngo-2023, apho iimvula ezinamandla, umoya ovuthuzayo, nokwanda kolwandle, kwakhokelela kwizikhukula ezinkulu ezibangela umonakalo omkhulu kwiziseko zophuhliso. Ezi ziganeko ziqinisekisa ukuba iNtshona Koloni ngokwenene lelona phondo lisengozini yentlekele kweli lizwe. Nangona iPhondo linelinye lawona maziko aphambili okulawula iintlekele kweli lizwe, siza kuqhubeka siqinisa inkqubo yethu yokumelana nentlekele ukuze siqinisekise ukuba izicwangciso zamacandelo amaninzi zilungelelaniselwe ukwakheni iziseko zophuhliso ezijolise ekuphepheni umngcipheko nokwenza iPhondo libe semngciphekweni wokumelana nentlekele.

Izifundo esizifundileyo xa besijongene nembalela ne-COVID-19 zisibonise ukuba, ukuba sifuna ukujongana nokusombulula imiceli mngeni esijongene nayo njengePhondo ngempumelelo, kufuneka siqinise ukuphunyezwa kwezicwangciso zabo bonke abadlali ababalulekileyo ngokusebenzisana. Njengoko sijongene nomnye unyaka onemiceli mngeni yawo, ndicela onke amacandelo asebenza kwindawo kamasipala ukuba aqhubeke nokomeleza iinzame zawo nokuqinisekisa ukukhuselwa kwabemi ukuze kuphuculwe iimeko zobomi abajamelana nazo.

Mnu AW Bredell

**UMPHATHISWA WEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO
NOCWANGCISO LIKARHULUMENTE WASEKUHLENI
31 Matshi 2024**



Ukuqulunqa Isiwangciso Sentsebenzo Sonyaka 2024/25 khange kube ngumsebenzi olula, oku kubangelwa yimvelaphi yembono yezoqoqosho ebuthathaka yelizwe ebonakaliswe kukunyuka kwamaxabiso okuphezulu nenkqubela ecothayo. Ingxaki yamandla, izikhukula ezinzima, nezinye izinto ezinxulumene noko zichaphazela kakubi amathuba oqoqosho lwePhondo ukuze kuveliswe imisebenzi efunekayo ukuze kulungiswe intswela-ngqesho. Ngenxa yoko, oomasipala bayaqhubeka bejamelene nomsebenzi onzima wokulungelelanisa amatyala akhulayo nesidingo sokunyusa iirhafu zokuhambisa iinkonzo eziqhutywa ziindleko ezongeziweyo zokuhambisa iinkonzo. Oku kuphakathi komxholo wobuhlwempu, intswela-ngqesho, kunye nokwanda kwabemi okuyinto eyenzekayo kuluntu lwethu. Phantsi kwezi meko oomasipala badinga yonke inkxaso abanokuyifumana kwiSebe. Oku kubonakale ngakumbi xa kuthathelwa ingqalelo ukuba ilizwe liya kunyulo lukaZwelonke nolwamaphondo olunamandla okuchaphazela ngakumbi amalungiselelo olawulo koomasipala.

Ngenxa yemeko yokucinezeleka ngokwemali, Isebe kuye kwafuneka liphinde lilandelelanise izinto eziza kuqala kwindlela yalo yokuxhasa oomasipala ngaloo ndlela lisebenzisana noomasipala ngokubonelela ngezixhobo eziyimfuneko zokukhusela ukunikezelwa kweenkonzo ezisisiseko kuluntu. Ukujongana neengxaki zokunikezelwa kweenkonzo kufuna izinto ezintsha, Isebe liza kuphucula Uphuhliso Lweziseko Ezizinzileyo Nesibonelelo sezeMali, esenzelwe ukukhulisa inkxaso-mali yokuxhasa iiprojekthi zeziseko zophuhliso ezichongiweyo koomasipala. Kwenziwe umsebenzi omkhulu wokubeka isiseko esiqinileyo sale nkqubo sokufumana umdla kubantu abanokuba ngabaxhasi-mali abanomdla wokutyala imali kuphuhliso lwezibonelelo zikamasipala.

Kule minyaka idlulileyo, Isebe belinkqenkqeza phambili ekuququzeleni amaqonga kumacandelo ahlukeneyo karhulumente ukucwangcisa nokuphumeza izicwangciso ngokudibeneyo kwaye oku kuye kwavelisa iziphumo kwiinkalo ezininzi, phantsi kweemeko ezinzima kakhulu. Imeko yokwenene yezoqoqosho yangoku neengxaki ezininzi esijamelana nazo njengephondo, ifuna kuhlolwe iindlela ezintsha zokuqhuba ishishini nokuqinisekisa ukuba kumanyenwe ukuba ezo ndlela zintsha ziphunyezwe ngabo bonke abasebenza kwindawo karhulumente wasekuhlaleni. Sonke simele simanyane size senze izinto ngesantya ukuze siqinisekise ukuba iinkonzo zinikezelwa ngendlela efanelekileyo ezanceda kakhulu abantu basekuhlaleni esibasebenzelayo.



Mnu G Paulse

Ifuthe lengxaki yombane ekunikezelweni kweenkonzo nakushishino ayinakubethwa ngoyaba. Ngokuphathelele oku, ngelixa Isebe linikezele ngenkxaso koomasipala ngo-2023 Ngengxowa-mali Yoncedo Kwimeko Yongxamiseko, kufuneka kwenziwe okungakumbi ukulawula nokunciphisa ifuthe lokucima kombane kwiinkonzo ezisisiseko ngoku nakwixesha elizayo. Ngaphezu Kwesikhokelo Senkcitho Yexesha Eliphakathi sika-2024, Isebe libeke phambili ukuphunyezwa kwamanyathelo aliqela ajolise ekuboneni ezinye iindlela ezahlukeneyo zokuvelisa umbane, imizekelo yayo equka inkxaso koomasipala ngeZicwangciso ze-Energy Master nenkxaso eya kwiidolophu “ekungacinywa umbane kuzo”.

Mnu G Paulse

**INTLOKO YESEBE: ISEBE LIKARHULUMENTE
WASEKUHLALENI**

31 Matshi 2024

Kuqinisekisiwe ukuba esi Sicwangciso Sokusebenza Sonyaka

- siphuhliswe ngabaphathi Besebe Likarhulumente Wasekuhlaleni phantsi kwesikhokelo sikaMnu AW Bredell.
- sithathela ingqalelo zonke iipolisi ezifanelekileyo, imithetho neminye imimiselo Isebe Likarhulumente Wasekuhlaleni elijongene nayo.
- sibonisa ngokuchanekileyo Iziphumo Neemveliso eziza kuzama ukufezekiswa Lisebe Likarhulumente Wasekuhlaleni kwisithuba sika-2024/25.

Mnu A Dlwengu

Umlawuli: Inkxaso Kwipolisi Nakumacebo



UNksk B Sewlall-Singh

Igosa Eliyintloko Lezemali



Nks N Zamxaka

Umlawuli Oyintloko: Ukunikezelwa Kweenkonzo Ezidityanisiweyo



UAdv G Birch

**Umlawuli Oyintloko Obambeleyo: Ukusebenza kukaMasipala
Ukubeka Iliso Nokuxhasa**



Mnu C Deiner

**Umlawuli Oyintloko: Ulawulo Lwentlekele kunye
Neenkonzo Zokucima Umlilo**



Mnu G Pause

Igosa Eliilawulayo (Intloko Yesebe)



Ivunyiwe ngu:

Mnu AW Bredell

**UMPHATHISWA WEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO
NOCWANGCISO LIKARHULUMENTE WASEKUHLALENI**





AO:	Igosa Elilawulayo
BAS:	Inkqubo Esisiseko Yokubala
CDW:	Umsebenzi Wophuhliso Loluntu
CSC:	Iziko Leenkonzozo Zenkampani
CoCT:	Isixeko saseKapa
COE	Imbuyekezo Yabasebenzi
CWP:	Inkqubo Yomsebenzi Woluntu
DCF:	Iqonga Lokulungelelanisa Lesithili
DCOG:	Isebe Lolawulo Lwentsebenziswano
D: ERM:	Icandelo: Ulawulo Lomngcipheko Kwezoshishino
DEADP:	Isebe Lemicimbi Yokusingqongileyo Nocwangciso Lophuhliso
DLG:	Isebe Likarhulumente Wasekuhlaleni
DM:	UMasipala Wesithili
DORA:	Umthetho Wokwahlulwa Kwengeniso
DPIPs:	Izicwangciso Ezineenkukacha Zokuphunyezwa Kweeprojekthi
DPME:	Isebe Lokubeka Iliso Nokuhlola
DRAP:	Isicwangciso Sokuthatha Amanyathelo Okunceda Ngembalela
GCIS:	Inkqubo Yonxibelelwano Nenkcacelo kaRhulumente
GRPBMEAF:	Ucwangciso Olusabela Kwezesini, Uhlahlo-lwabiwo mali, Ukubeka iliso, Uvavanyo kunye Nophicotho 2023
ICT	Itekhnoloji Yenkcacelo Nonxibelelwano
IDP:	Isicwangciso Sophuhliso Oludityanisiweyo
IGR:	Ubudlelwane phakathi Koorhulumente.
JDMA:	Inkxasomali Yesithili Esidibene Nesixeko
LED:	Uphuhliso Loqoqosho Lwasekuhlaleni
LGTAS:	Iqhinga Lokulungisa Likarhulumente Wasekuhlaleni
M&E:	Ukubeka Iliso Nokuhlola
MER:	Inkqubo Kamasipala Yokulondoloza Umbane
MFMA:	UMthetho Wolawulo Lwemali kaMasipala
MGRO:	Ukuhlola Ulawulo Nokwenza Izinto kukaMasipala
MIG:	Inkxasomali Ngezibonelelo ZikaMasipala
MIGMIS:	Inkqubo Yenkcacelo Yolawulo Lwezibonelelo zikaMasipala
MINMAY:	Iforamu Yomphathiswa Wephondo kaRhulumente Wasekuhlaleni Nosoodolophu Abalawulayo
MINMAYTECH:	Iforamu Yentloko Yesebe: Oorhulumente Basekuhlaleni Nabaphathi bakaMasipala
MISA:	Iarhente Yokuncedisa Iziseko ZikaMasipala
MPRA:	UMthetho Wemilinganiselo Yepropati kaMasipala, 2004 (uMthetho 6 ka-2004)
MTEF:	Isikhokelo Senkcitho Yexesha Eliphakathi
MTSF:	Isicwangciso Sexesha Eliphakathi
MSA:	UMthetho Wenkqubo kaMasipala, 2000 (uMthetho, 32 ka-2000)
NDP:	Isicwangciso Sophuhliso Sesizwe

NDMC:	Iziko Likazwelonke Lolawulo Lweentlekele
NEMA:	UMthetho Wesizwe Wolawulo Lokusingqongileyo, 1998 (uMthetho 107 ka-1998)
NSDP:	Umbono Wophuhliso LweeNdawo kaZwelonke
OPMS:	Inkqubo Yolawulo Lwentsebenzo Yombutho
PFCTech:	Iqonga Lokunxibelelana leNkulumbuso
PFMA:	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 2003
PGMTEC:	IKomiti Yenkcitho Yephondo Yexesha Eliphakathi
PMS:	Inkqubo Yolawulo Lwentsebenzo
PSDF:	Isikhokelo Sophuhliso Lwendawo Sephondo
PT:	UNondyebo wePhondo
RMT:	Iqela Lolawulo Lwengingqi
SALGA:	Umbutho kaRhulumente Wasekuhlaleni waseMzantsi Afrika
SDBIP:	Isicwangciso Sokuhanjiswa Kweenkonzo Nokuphunyezwa Kwebhajethi
SDF:	Isikhokelo Sophuhliso Lwendawo
SDI:	Ukudityaniswa Kokunikezelwa Kweenkonzo
SIDAFF:	Uphuhliso Lweziseko Ezizinzileyo Nezibonelelo Zemali
SIME:	Icebo Lokuzibandakanya Komasipala Odityanisiweyo
TIME	Ukuzibandakanya kukaMasipala Odityanisiweyo Kwezobugcisa
TSC:	Iziko Leekonzo zeThusong
VIP	Into Ephambili Ekhuthazwayo Yombono
WCG:	Urhulumente weNtshona Koloni
WCIDWRP:	Isicwangciso Sembalela Esidityanisiweyo Nokukhathalelwa Kwamanzi eNtshona Koloni
WOSA:	Yonke Indlela Yombutho



Icandelo A: Usukelo Lwethu

9

- | | |
|---|----|
| 1. Usukelo Lomgaqo-siseko | 10 |
| 2. Utshintsho kumasukelo afanelekileyo yowiso-mthetho neepolisi | 10 |
| 3. Uhlaziyo Lweepolisi Namacebo Eziko | 13 |
| 4. Uhlaziyo Kugwetyo Lwasezinkundleni olufanelekileyo | 13 |

Icandelo B: Icebo Lethu Esijolise Kulo

15

- | | |
|--|----|
| 5. Umbono | 16 |
| 6. Uzimiselo | 16 |
| 7. Imilinganiselo | 16 |
| 8. Uhlalutyo Oluhlaziyiweyo Lweemeko | 16 |
| 8.1 Ubume boRhulumente Wasekuhlaleni: Izinto zangaphandle | 16 |
| 8.2 Uhlalutyo Lwangaphakathi Lokusingqongileyo (Indawo Yombutho) | 20 |
| 8.3 Ukulungelelaniswa nezinto eziPhambili kuZwelonke nakwiPhondo | 21 |

Icandelo C: Ukulinganisa Indlela Esiqhuba Ngayo

25

- | | |
|--|----|
| 9. Inkcazelo Yokusebenza Kweziko | 27 |
| 9.1 Inkqubo 1: Ulawulo | 27 |
| 9.2 Inkqubo 2: Ulawulo Lwasekuhlaleni | 29 |
| 9.3 Inkqubo 3: Uphuhliso noCwangciso | 44 |
| 9.4 Inkqubo 4: Ulawulo Lweziko Lemveli | 53 |
| 10. Imingcipheko Engundoqo Ehlaziyiweyo Nokuncitshiswa | 56 |
| 11. Imibutho Yoluntu | 56 |
| 12. Iiprojekthi Zezibonelelo | 56 |
| 13. Iintsebenziswano Zikawonke-wonke | 56 |

Icandelo D: Inkcazelo Yeziphawuli Zobugcisa (TDI)

57

- | | |
|-----------------------------------|-----|
| Inkqubo 1: Ulawulo | 58 |
| Inkqubo 2: Ulawulo Lwasekuhlaleni | 61 |
| Inkqubo 3: Uphuhliso noCwangciso | 104 |

Izihlomelo

131

- | | |
|---|-----|
| Isihlomelo A: Ulwaxhiwo Lombutho | 132 |
| Isihlomelo B: Izibonelelo Zemiqathango | 133 |
| Isihlomelo C: Izalathisi Ezidityanisiweyo | 145 |
| Isihlomelo D: Imodeli Yophuhliso Lwesithili | 145 |



Icandelo A



USUKELO LWETHU



1. Usukelo Lomgaqo-siseko

Umgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (1996) unikezela ngesikhokelo sesizwe sonke somsebenzi wawo onke amasebe karhulumente eMzantsi Afrika. Isahluko 7 sichaza iinjongo namasukelo malunga norhulumente wasekuhlaleni. La masukelo alandelayo eSebe likaRhulumente Wasekuhlaleni anokukhutshwa koku:

- Ukuseka oomasipala abahambelana nomthetho wesizwe;
- Ukuxhasa nokuqinisa izakhono zikamasipala;
- Ukulawula ukusebenza koomasipala ngokwemisebenzi yabo edweliswe kwiShedyuli 4 no-5 yoMgaqo-siseko;
- Ukungenelela apho iimbopheleleko zomthetho, ezisigqeba okanye ezemali zingafezekiswayo; kunye
- Ukukhuthaza urhulumente wasekuhlaleni wophuhliso.

2. Utshintsho kumasukelo afanelekileyo yowiso-mthetho neepolisi

2.1 Iphepha Elimhlophe likaRhulumente Wasekuhlaleni (1998) nephakheji elandelayo yomthetho onxulumene nalo (echazwe ngezantsi) inika imeko yesizwe yolawulo lweengingqi kwilizwe liphela.

	Umthetho	Ugunyaziso
A	Urhulumente Wasekuhlaleni: UMthetho Wommandla kaMasipala, 1998 (uMthetho 27 ka-1998)	Lo Mthetho unikezela <ul style="list-style-type: none"> • ngeekhrayitheriya neenkqubo zokumiselwa kwemida kamasipala ligunya elizimeleyo.
B	Urhulumente Wengingqi: UMthetho Wezakhiwo Zoomasipala, 1998 (uMthetho 117 ka-1998)	Lo Mthetho unikezela <ul style="list-style-type: none"> • ngokusekwa koomasipala ngokuhambelana neemfuno ezinxulumene neendidi neentlobo zoomasipala; • ngokusekwa kweekhrayitheriya zokumisela udidi lukamasipala oluza kusekwa kuloo ndawo; • ngenkcazo yohlobo lukamasipala olunokusekwa kudidi ngalunye; • ngokwahlulwa okufanelekileyo kwemisebenzi namagunya phakathi kweendidi zikamasipala; kunye • nokulawulwa kweenkqubo zangaphakathi, izakhiwo nabaphathi beofisi boomasipala.

	Umthetho	Ugunyaziso
C	URhulumente Wasekuhlaleni: UMthetho Weenkqubo zikaMasipala, 2000 (uMthetho 32 ka-2000)	Lo Mthetho unikezela <ul style="list-style-type: none"> • ngeenqununu ezingundoqo, iindlela neenkqubo eziyimfuneko ukuvumela oomasipala ukuba baqhubele phambili ekuphuculeni kwezentlalo nezoqoqosho kuluntu lwasekuhlaleni; • ngokuqinisekisa ukuba iinkonzo ezibalulekileyo nezifikelekayo zifikelela kubo bonke; • ngokuchaza uhlobo olusemthethweni lukamasipala, kuquka uluntu lwasekuhlaleni kummandla kamasipala; • ngamagunya nemisebenzi kamasipala; • ngokuthatha inxaxheba koluntu; • ngokusekwa kwesikhokelo sokuvumela iinkqubo eziphambili zokucwangcisa, ulawulo lwentsebenzo, ukuqokelelwa kwezibonelelo notshintsho lombutho; • ngesikhokelo solawulo loluntu lwasekuhlaleni nophuhliso lwabasebenzi; • ngokuxhotyiswa kwabangathathi ntweni, ukuqinisekisa ukuba oomasipala babeka iirhafu zenkonzo nemigaqo-nkqubo yolawulo lwamatyala ethathela ingqalelo iimfuno zabo; kunye • nophando ngokunxulumene nezityholo zobuqhetseba, ukungaphathwa kakuhle, urhwaphilizo kunye/okanye ukusilela ukuthobela izibophelelo zomthetho kwinqanaba likamasipala.
D	URhulumente Wasekuhlaleni: UMthetho woLawulo lweMali kaMasipala, 2003 (uMthetho 56 ka-2003) (MFMA)	Lo Mthetho unikezela <ul style="list-style-type: none"> • ngokukhusela ulawulo olufanelekileyo noluzinzileyo lwemicimbi yezemali yoomasipala namanye amaziko kummandla karhulumente wasekuhlaleni; kunye • nokuseka imigaqo nemigangatho yobuncwane kummandla wengingqi karhulumente wasekuhlaleni.
E	Urhulumente Wasekuhlaleni: UMthetho Wamaxabiso Ezindlu Zoomasipala, ka-2004 (uMthetho 6 ka-2004) njengoko ulungiswe nguRhulumente Wasekuhlaleni: UMthetho Wamaxabiso Ezindlu Zoomasipala, ka-2014 (uMthetho No. 29 ka-2014)	Lo Mthetho unikezela <ul style="list-style-type: none"> • ngokukhusela ulawulo olufanelekileyo noluzinzileyo lwemicimbi yezemali yoomasipala; • ngokusekwa kwezithethe nemigangatho apho imicimbi yezemali inokubekwa esweni ize ilinganiswe; • ngokulawula amandla kamasipala okubeka amaxabiso kwindlu; • ngaphandle kwezindlu ezithile kumlinganiselo, ukwenza amalungiselelo oomasipala ukuba basebenzise inkqubo ecacileyo nenobulungisa yokuxolelwa; • ngokwazisa ngemali ebuyiswayo ngeepolisi zemilinganiselo; • ngokwenza amalungiselelo eendlela ezifanelekileyo nezilinganayo zokuxabisa izindlu; kunye • nokwenza amalungiselelo enkqubo 'yokuchasa nesibheni'. <p>Urhulumente Wasekuhlaleni: Umthetho Wokulungiswa Kwamazinga Ezindlu, 2014 uqale ukusebenza nge-1 kaJulayi 2015.</p> <p>Lo Mthetho ujolise ekubeni kwenziwe izilungiso ezahlukeneyo, ukufakwa nokucinywa ukuze kuphuculwe ukunikela ingxelo efanelekileyo, ukuthotyelwa nokuphunyezwa kweenkqubo ezinxulumene noMthetho.</p>



USUKELO LWETHU

	Umthetho	Ugunyaziso
F	Umthetho Wolawulo Lwentlekele, 2002 (uMthetho 57 ka-2002)	Lo Mthetho unikezela <ul style="list-style-type: none"> ngokudityaniswa nokulungelelanisa ipolisi yokulawula intlekele, ejolise ekuthinteleni okanye ekunciphiseni umngcipheko weentlekele ukuze kuncitshiswe ubunzima beentlekele; ngokulungiselela imeko yongxamiseko, ukusabela ngokukhawuleza nangokufanelekileyo kwiintlekele nokubuyisela emva kwentlekele; ngokusekwa kwamaziko olawulo lwentlekele kuzwelonke, kumaphondo nakumasipala; ngamavolontiya okulawula intlekele; kunye nezinto ezenzeka kuyo.
G	Umthetho Wolungiso Lolawulo Lwentlekele, 2015 (uMthetho 16 ka-2015)	Lo Mthetho unikezela <ul style="list-style-type: none"> ngokudityaniswa nokulungelelanisa ipolisi yokulawula intlekele, ejolise ekuthinteleni okanye ekunciphiseni umngcipheko weentlekele ukuze kuncitshiswe ubunzima beentlekele; ngokulungiselela imeko yongxamiseko, ukusabela ngokukhawuleza nangokufanelekileyo kwiintlekele nokubuyisela emva kwentlekele; ngokusekwa kwamaziko olawulo lwentlekele kuzwelonke, kumaphondo nakumasipala; ngamavolontiya okulawula intlekele; kunye nezinto ezenzeka kuyo.
H	UMthetho Wesakhelo Sobudlelwane phakathi koorhulumente, 2005 (uMthetho 13 ka-2005)	Injongo yalo Mthetho <ul style="list-style-type: none"> kukuseka isikhokelo sikarhulumente wesizwe, soorhulumente bamaphondo noomasipala ukukhuthaza nokuququzelela ubudlelwane phakathi kukarhulumente; kunye nokubonelela ngeendlela neenkqubo zokuququzelela ukusonjululwa kweembambano eziphakathi kukarhulumente.
I	UMthetho Wokucwangciwa Kwendawo Nolawulo Lokusetyenziswa Kwemihlaba, 2013 (uMthetho 16 ka-2013)	Lo Mthetho <ul style="list-style-type: none"> unika isikhokelo sokucwangciswa kwendawo nolawulo lokusetyenziswa komhlaba kwiriphabliki; ucacisa ubudlelwane phakathi kokucwangciswa kwendawo nenkqubo yokulawula ukusetyenziswa komhlaba nezinye iintlobo zocwangciso; ukucwangciswa kwendawo okubandakanya wonke umntu, ukuphuhlisa, ukulingana nokusebenza kwimimandla eyahlukeneyo karhulumente; unika isikhokelo sokubeka iliso, ukulungelelanisa nokuphononongwa kwenkqubo yokucwangciswa kwendawo nolawulo lokusetyenziswa komhlaba; unika isikhokelo seepolisi, imigaqo, imimiselo nemigangatho yokucwangcisa uphuhliso lwendawo nolawulo lokusetyenziswa komhlaba; ujongana nokungalingani kwendawo nemithetho edlulileyo; ukhuthaza ukungaguquguquki okungakumbi nokufana kwiinkqubo zokufaka isicelo nokuthathwa kwezigqibo ngabasemagunyeni abajongene nesigqibo sokusetyenziswa komhlaba nezicelo zophuhliso; unikezela ngokusekwa, imisebenzi, nokusebenza KweenkundlaZokucwangcisa zikaMasipala; kunye nokulawula ukuququzelela nokunyanzeliswa kwamanyathelo okusetyenziswa komhlaba nophuhliso.
J	Umthetho Wenkokheli Yesintu neKhoi-San, 2019, (Umthetho 3 ka-2019).	<ul style="list-style-type: none"> Ukulungelelanisa ukuphunyezwa Komthetho Wemveli Nowokukhokelwa KweeKhoi-San (Inombolo 3 ka-2019).

3. Uhlaziyo Lweepolisi Namacebo Eziko

Umsebenzi karhulumente wasekuhlaleni uchatshazelwa yile miyalelo yomgaqo-nkqubo ilandelayo:

- Ukuphunyezwa Kwendlela Yesithili Esidibeneyo kunye neMetro;
- Isicwangciso Sophuhliso sikaZwelonke (Umbono ka-2030);
- Isicwangciso Sesizwe Sophuhliso Lwezakhono, 2030;
- INtshona Koloni: Izinto eziPhambili Ezikhuthazwe Ngumbono;
- Isikhokelo Solawulo Lwentlekele eNtshona Koloni, 2010;
- Imigaqo yeBatho Pele;
- Isikhokelo Sepolisi Yenqubo Yokubeka Iliso Nokuhlola kukaRhulumente wonke, ngo-2007;
- Isikhokelo Sokuqinisekisa linkcukacha-manani zoMzantsi Afrika, 2007;
- Umbono Wophuhliso LweeNdawo kaZwelonke, 2002;
- Isikhokelo Sophuhliso Lwendawo sePhondo, 2014;
- Isikhokelo sikaZwelonke Solawulo Lwentlekele, 2005.
- Isicwangciso Sokubuyisa iNtshona Koloni, 2021;
- Ukukhula kweNtshona Koloni Kumacebo Omsebenzi 2023; kunye
- Ucwangciso Olusabela Kwezesini, Uhlahlo-lwabiwo mali, Ukubeka iliso, Uvavanyo kunye Nophicotho 2023.

4. Uhlaziyo Kugwetyo Lwasezinkundleni olufanelekileyo

EmvakokuqaliswakoMthetho Wemveli Nolawulo lweeKhoi San, 2019 (uMthetho No. 3 ka-2019) nge-1 ka-Epreli 2021, iNkulumbuso yanika amagunya nemisebenzi enxulumene nemicimbi yemveli neKhoi-San kuMphathiswa wePhondo onoxanduva loRhulumente Wasekuhlaleni. Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho unikezela ngokwamkelwa koluntu lwamaKhoi-San, amasebe amaKhoi-San, iinkokheli eziphezulu zamaKhoi-San neentloko zamasebe amaKhoi-San.

Kwizibonelelo ezahlukeneyo, uMthetho ufuna iSebe ukuba liphuhlise umthetho wephondo nepolisi yokuphumeza imimiselo ethile yoMthetho. Kufuneka Isebe liphuhlise izakhono zeziko ukuphumeza imiqathango yoMthetho.

Isebe lilubeke phambili uphando, uphuhliso lwepolisi yomthetho neenkondo zenkxaso kumabhunga emveli ukuze kuququzelelwe ukuphunyezwa koMthetho Wemveli Nokukhokelwa kwamaKhoi-San (No. 3 ka-2019). Izithuba ziya kuzaliswa ngokwesivumelwano kunikwe inkqubo ixesha lokumisela ulwakiwo olufanelekileyo lombutho. Lo msebenzi uza kwabelwa Inkqubo 4: Ulawulo Lweziko Lwemveli oluye lwaqaliswa.



Icandelo B



ICEBO LETHU
ESIJOLISE KULO

5. Umbono

Iqela elisebenza kakuhle nelinamandla elenza oomasipala abalawulwa kakuhle bakwazi ukunikezela ngeenkonzokwiindawo zasekuhlaleni ngendlela esabelayo, engagunqiyi nehlanganisiweyo.

6. Uzimiselo

Ukubeka iliso, ukulungelelanisa nokuxhasa oomasipala ukuba basebenze ekufezekiseni imiyalelo yabo yophuhliso nokuququzelela ukunikezelwa kweenkonzo nokumelana nentlekele ngokuzibandakanya neendawo zikarhulumente namaqabane asekuhlaleni.

7. Imilinganiselo

Izinto ezixatyisiweyo Lisebe ziyafana nezinto ezixatyiswe liphondo ezintandathu, ezi zezi,

- Ukukhathalela.
- Ukuba nobuchule.
- Ukuthatha uxanduva.
- Ukuthembeka.
- Ukusabela; kunye
- Nokuqalisa izinto ezintsha.

8. Uhlatyulo Oluhlaziyiweyo Lweemeko

8.1 Ubume boRhulumente Wasekuhlaleni: Izinto zangaphandle



Izinto Zepolitiki

Unyulo lukazwelonke nolwamaphondo lucwangciselwe ukuba lwenzeka ngo-2024.

Amava angaphambili abonakalise ukuba ixesha elikhokelela kunyulo lukazwelonke nolwamaphondo libaluleke kakhulu kwiSebe, njengoko lidla ngokuba nenqanaba lokungazinzi koomasipala. Isebe liza kuzibeka kwindawo yokuba liqinise inkxaso yalo koomasipala, ngenjongo yokunciphisa ukuphazamiseka nokungazinzi. Oku kungenxa yokuba oomasipala abathile banamazinga ahlukeneyo okungazinzi, ngenxa yoorhulumente bomanyano, oku kuya kubonakala kulawulo lwabo nakulawulo lwabo. Le nto ibe nefuthe ekunikezelweni kweenkonzo nakumava abantu basekuhlaleni koomasipala abachaphazelekayo. Le ntsingiselo inokuxhatshazwa ukuya kutsho kunyulo lukazwelonke nolwamaphondo.



Imeko Yezoqoqosho

Ingxelo epapashiweyo Yomphicothi Jikelele woMzantsi Afrika, ebonisa ukusebenza koomasipala ngexesha lophicotho lwayo lonyakamali ka-2021/22 kamasipala, ibonisa ukuba oomasipala abangama-38 eMzantsi Afrika bafumene iziphumo zophicotho ezingafanelekanga (uphicotho olucocekileyo)¹. Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba iNtshona Koloni ineengxelo zoomasipala abali-19.

Oomasipala abafumana uluvo lophicotho olungafanelekanga bafana ngento enye, oku kukulawulwa kwezemali nokusebenza kakuhle okuthetha ukuba bayayenza imisebenzi yabo ngokuhambelana nomthetho ochaphazelekayo. Imeko yezemali yoomasipala ibonisa uphawu lokuwohloka. Oku kunokunxulunyaniswa nobunzima bezoqoqosho abathengi abajongene nabo, okuchaphazela ukukwazi kwabo ukubhatala amatyala kamasipala.

Ingqinwa ziziphumo zophicotho zakutshanje, oomasipala abaliqela baqhubeka bewohloka kwindlela abaqhuba ngayo ngemali ngoku, nomlinganiselo wemali engaphantsi kwemigangatho ebekwe Ngunondyebo kaZwelonke.

Imbono yezoqoqosho yeli lizwe yeyokungaqiniseki okubonakaliswa kukunyuka kwamaxabiso okuphezulu nenkqubela ecothayo. Ukuhlolwa Kwemeko Yephondo Yezoqoqosho kuka-2023 (PERO) ibonisa ukuba “emva kokufaka imbuyekezo enamandla eyi-4.7% ngo-2021, uqoqosho loMzantsi Afrika lwabuyela ekunyukeni okuphakathi kwe-1.9% ngo-2022 lubalaselisa, phakathi kwezinye, impembelelo yokunyuka kwamaxabiso, izikhukula ezinkulu, ingxaki yombane nemfazwe yaseUkraine. Ezi zinto zichaphazela kakubi amathuba oqoqosho ukuze kuveliswe imisebenzi efunekayo ukujongana nomceli mngeni wentswela-ngqesho elijongene nayo ilizwe.”²

Umbono obuthathaka omkhulu nomncinci kwezoqoqosho uchaphazela kakubi ukukwazi koomasipala ukunyusa ingeniso. Ngokomzekelo, ukwanda kweendleko zokuhambisa iinkonzo kunyazela oomasipala ukuba bandise iirhafu zamanzi nombane. Oku kubangela ukwanda kwamatyala ngenxa yokungakwazi kwabahlali ukuhlawulela iinkonzo zikamasipala. Ngaphezu koko, njengoko abahlali bewuyeka umbane baze basebenzise amanye amandla, abanye oomasipala baza kuba sesichengeni sokuphulukana nengeniso engakumbi. Ukongezelela, kukho oomasipala abaliqela abatyala uEskom imali eninzi.

1. Umphicothi Jikelele woMzantsi Afrika, Ingxelo Jikelele Ehlanganisiweyo Yeziphumo Zophicotho zikaRhulumente wasekuhlaleni -MFMA 2021-2022, <https://www.agsa.co.za/Reporting/MFMAReports/MFMA2021-2022.aspx>.

2. Unondyebo Wephondo leNtshona Koloni, Uphononongo Lwezoqoqosho Lwephondo Nokuhlolwa Gabalala kuka-2023

Iilizwe lijongene nemiphumo emibi yokusilela kweziseko zophuhliso ezibalulekileyo, ukungabikho kombane kwiiyure eziliqela ngosuku, kuyaqhubeka kusongela uqoqosho obelusele lubuyela kwimeko yesiqhelo emva kwemiphumo emibi yobhubhane weCOVID-19. IPERO iqhubeka ibonisa ukuba “iNtshona Koloni iqikelelwa ukuba ilahlekelwe phakathi kwe-R48.6 yeebhiliyoni ne-R61.2 yeebhiliyoni kwi-GDP yokwenyani ukusukela oko kwaqaliswa ukucinywa kombane. Iindleko eziqikelelweyo zokucinywa kombane eNtshona Koloni, kwinqanaba lesi-4, zifikelela kwi-R43 yemiliyoni ngosuku, kwaye kumanqanaba aphezulu ilahleko iya kuba ngaphezulu” (amaphepha 38-39).

Oomasipala abasindiswanga ngenxa yokuba, ngokuqhelekileyo, inxalenye enkulu yengeniso yabo iveliswa ngokuthengiswa kombane. Eyona nto ixhalabisayo yimpembelelo yokucinywa kombane ixesha elide ekunikezelweni kweenkonzo ezisisiseko zikamasipala ezinjengococeko namanzi njengoko iziseko zophuhliso zisebenza ngombane. Isebe liphumeze amanyathelo aliqela ngenjongo yokunceda oomasipala ukuba balawule baze banciphise ifuthe lokucinywa kombane ixesha elide kwiinkonzo ezisisiseko.

Utyalomali kwiziseko zophuhliso lusaqhubeka lubalulekile ekunikezelweni kweenkonzo. Utyalomali olunjalo luza kujongana nemicelimngeni emininzi efana nokwahlulahlulwa kweziseko zophuhliso ezinxulumene nokuba ndala kweziseko, nokuphepha indlela yokwexeshana yokuphuculwa kweziseko zophuhliso, ngoxa lunikezela ngeenkonzo kumashishini nakumakhaya nokuxhasa uphuhliso lwezoqoqosho. Oku kuya kwandisa ukhuseleko loluntu lwexesha elide ngokusebenzisa iinkonzo ezizinzileyo nophuhliso loqoqosho namathuba okukhula ukuququzelela ukhuseleko lomsebenzi. Inzuzo yalo kukunikezelwa kweenkonzo okuzinzileyo nokulinganayo okuya kuba nefuthe elihle kumava aphilayo abemi. Ukongezelela, ukusetyenziswa kombane kulindeleke ukuba kukhule ngokuhambelana nokukhula kwezoqoqosho kunye nabemi, kumyinge we-0.7 ukuya kwi-2.1% ukuya ku-2040. Ukuthengiswa kombane koomasipala kuye kwehla. Ukuthengiswa kombane bekuphezulu kakhulu ibe kulindeleke ukuba kwehle ngakumbi, kuqikelelwa ukuba kuza kuba yi-83%. Lo ngumfanekiso oxhalabisayo ngenxa yokuba inxalenye enkulu yengeniso yoomasipala ivela ekuthengisweni kombane.



Izinto Zentlalo

Idatha Yobalo Lwabantu ka-2022 ibonisa ukuba inani labemi bePhondo yi-7 433 019. Okuphawulekayo kubalo lwabantu lwamvanje, lizinga elikhula ngalo inani labantu bePhondo, eliphakame kancinci xa kuthelekiswa namanye amaphondo. Phakathi kwexesha lika-2011 no-2022 kuye kwakho ukwanda kwabantu okungu-27.7%. Eli nani lelona liphezulu kuwo onke amaphondo lilandelwa yiMpumalanga ku-27.3% neGauteng ku-23.0%³. Ubungakanani nobume babantu buneziphumo eziphambili ekucwangcisweni kokunikezelwa kweenkonzo zikarhulumente Kwiphondo ngoku nakwixesha elizayo. Izinga lentswela-ngqesho kwiPhondo liyi-20.9%, ulutsha lolona luchaphazelekayo ngentswela-ngqesho ekwi-33.2%. Esi sisiphumo samathuba omsebenzi alinganiselweyo nokungangqinelani kwezakhono. Ngenxa yokuba ulutsha lulugugu loluntu, iinzame ezidibeneyo kufuneka zibekwe kwindawo yokuqala ukuze ulutsha lunikwe uphuhliso lwezakhono namathuba oqoqosho.

Ukwanda kokuhlaseleka komhlaba kubeke uxinzelelo kwiziseko zophuhliso ezikhoyo ngenxa yokuba eyona migangatho emincinci yokunikezelwa kweenkonzo ayigcinwa ngoomasipala abathile. Ubuhlwempu nentswela-ngqesho ziaqhubeka zichaphazela kakubi iimeko zokuphila zabemi. Ngoxa izinto eziluncedo zincipha, oomasipala abaninzi abakwazi ukugcina iziseko zophuhliso baze babele izinto eziluncedo ezaneleyo ngokuhambelana neemfuno zoluntu. Kukho uxinzelelo oluqhubekayo lokuba urhulumente athathe inxaxheba kubemi ekunikezelweni kweenkonzo nakwimiba enxulumene nebhaathi namanyathelo okulwa ubundlobongela obusekelwe kwisini nokujongana nokulingana ngokwesini.

Ukunyuka kwamaxabiso kuchaphazela kakubi ubomi babemi, kukhokelela ekunyukeni kweendleko zokuphila kwaye kuchaphazela ubukhulu becala uluntu oluhluphekileyo nolusemngciphekweni. Ngoxa kwintlanganiso yayo kaSeptemba 2023, iBhanki EnguVimba yoMzantsi Afrika iyishiye ingatshintshanga ireyithi ye-repo nge-8.25%, eyona iphezulu kwiminyaka eyi-14.



Izinto Zobugcisa

Ukusetyenziswa okwandayo kweteknoloji kwixesha le-Fourth Industrial Revolution (4IR), kubonisa amathuba amaninzi okutshintsha neenzuzo zentlalo nezoqoqosho kwiPhondo. Loo teknoloji inamandla okuxhobisa amahlwempu ngokufikelela ngokukhawuleza kwinkcazelo, iinkonzo namathuba emisebenzi okuphucula iimeko zabo zokuphila akunakuthandatyuzwa⁴. Kuba iPhondo lizibeka njengeyona ndawo iphambili

3. Ezezibalo EMzantsi Afrika, Ukukhutshwa kwezezibalo PO301.4, Isensasi 2022, Oktobha 2023

4. I-Ndung'u, N kunye ne-Signe, L (2020), i-Fourth Industrial Revolution nedigitisation ziya kudlulisela i-Afrika kwindlu yamandla ehlabathi.

kwidijithali kweli lizwe nakwilizwekazi, oku kunika amathuba ekufuneka esetyenziswe ukuze kuzuze uluntu. Ishishini norhulumente baye bajongana nomceli mngeni wokufumana iindlela ezintsha zokuhambisa iinkonzo. Phakathi kokucinywa kombane nezinto eziluncedo ezimbalwa, urhulumente wasekuhlaleni uphantsi koxinzelelo lokuba atshintshe iinkqubo ngokukhawuleza ukuze aqinisekise ukuba azishiywanga ngasemva. Embindini wolu tshintsho kukusetyenziswa kwetekhnoloji yokuhanjiswa kweenkonzo, ukwenza izigqibo zolawulo okufezekisa ukusebenza ngokukuko.

Xa kuziwa ekusebenzisweni i-ICT ekudaleni ixabiso kwiziko nakubemi, oomasipala bakwimigangatho eyahlukeneyo yokuvuthwa. Kukule mvelaphi ukuba iSebe lamkele indlela emithathu yokuxhasa oomasipala ekuqhubeni nasekwamkeleni amathuba e-ICT. Le ndlela ijoliswe, okokuqala, ekuchaphazeleni ukusekwa kobunkokheli beqhinga kulungelelwaniso lweshishini kunye netekhnoloji kunye nokudalwa kwexabiso; okwesibini, inoxanduva olunxulumene neendlela ezilungileyo zolawulo lwenkampani kunye nokusebenza, kwaye okokugqibela, ukuqalisa amanyathelo athile enkxaso kunye nezicwangciso. Eyona nto iphambili kukuxhaswa koomasipala okufezekisa nokuqhubeka bephucula ukugqwesa kweenkonzo ngeshishini elungelelanisiweyo nelicwangcisiweyo lokudityaniswa kwezenzo zeshishini kusetyenziswa i-ICT ukwenza nokubeka esweni ixabiso. Ingxelo Yokuthlekisa ye-AGSA ne-DLG kunye Nezicwangciso Zentshukumo ze-2020 ukuya ku-2023 (ngoJuni 2023) zibonisa iindidi ezintathu zoomasipala kwiPhondo, ezifuna le nkxaso ilandelayo:

Udidi Lolawulo 1: oomasipala abanenkqubo yolawulo nenkqubo ye-ICT ehambelana ngokupheleleyo nenjongo yobuchule yokudala ixabiso Lepolisi (2015).

Udidi Lolawulo 2: oomasipala abanokubonisa ukuphambuka ngamaxesha athile kwinkqubo yabo yolawulo nenkqubo ye-ICT ngenjongo yobuchule yokudala ixabiso yePolisi (2015), enokusonjululwa ngokulula.

Udidi Lolawulo 3: oomasipala abahlala benengxaki yokulungelelanisa inkqubo yabo yolawulo nenkqubo ye-ICT nenjongo yobuchule bokuvelisa ixabiso Lepolisi.

Nangona eyona nto iphambili kwinkxaso yeSebe kukuphakamisa oomasipala Bodidi Lolawulo 3 ukuya Kudidi Lolawulo 2, Udidi loLawulo 2 ukuya Kudidi 1, oomasipala baza kuxhaswa ngokusekelwe kwizicelo neemfuno ezichongiweyo.



Izinto Zokusingqongileyo

Iphondo lifumana iziphumo zokutshintsha kwemozulu. Oku kuchaphazela ngqo amandla okomelela kwamanzi kwiPhondo. Umsebenzi omhle kukufakwa kwisicwangciso seminyaka eli-15 sokumelana namanzi eNtshona Koloni sokwenza iPhondo likwazi ukumelana namanzi.

Ukuhlaselwa komhlaba okungekho mthethweni kukwanceda kwintlekele yePhondo ngenxa yeendawo ezikuzo iindawo zokuhlala ezingekho mthethweni kwiindawo ezinomngcipheko omkhulu, iindlela zokufuduka nokwanda kwabantu ngokubanzi. Inani lezehlo zentlekele kweli lizwe, bubungqina bokuba utshintsho lwemozulu luza neentlekele eziqhelekileyo nezimbi, kwaye lubonisa ukubaluleka kokulungelelaniswa, izicwangciso zamacandelo amaninzi ezijolise ekwakheni iziseko zophuhliso ezijolise ekuphepheni umngcipheko nokwenza iphondo libe semngciphekweni wentlekele. Iphondo leNtshona Koloni lihlelwe njengelona phondo lisengozini yentlekele kweli lizwe. I-El Niño omilingane wayo, iLa Niña, zizinto zemozulu ezinokuchaphazela kakhulu imozulu ehlabathini lonke. Ngoxa iNtshona Koloni ikummandla ophenjelelwa zezi zinto, iziphumo ezithile ze-El Niño zinokwahluka kuxhomekeke kubunzulu nobude bexesha. I-El Niño ithambekela ekuziseni iimeko ezomileyo nezishushu kwiPhondo ezinokunciphisa imvula kwaye zikhokelele kwixesha elide lembalela, nto leyo eza kubangela ukunqongophala kwamanzi kulo mmandla. Ngaphezu koko, ukudityaniswa kweemeko ezomileyo nezishushu kunokunyusa umngcipheko wemililo yasendle njengoko ukunciphisa ukufuma komhlaba nemifuno eyomileyo kudala iimeko ezifanelekileyo zemililo. Kubalulekile ukuqonda ukuba iimpembelelo ezithile kumngcipheko wentlekele eNtshona Koloni zinokwahluka ukusuka kwesinye isiganeko se-El Niño ukuya kwesinye, okwandisa isidingo sokuqhubeka nokubeka esweni uqikelelo lwemozulu kunye neemeko zemozulu zokulungiselela intlekele kunye neenzame zokusabela.

Ezolimo zidlala indima ebalulekileyo ekukhuleni koqoqosho lwePhondo, ngoxa iimvula zasebusika zibe luncedo olukhulu, impembelelo yezikhukula zakutshanje zisenokuba zilichaphazele kakubi icandelo. Ngaphezu koko, ukucinywa kombane kunefuthe ngenxa yokuxhomekeka kwemveliso (i-90% yabavelisi abaxhomekeke ku-Eskom), ukuqhubeka kwezolimo, ukunkcenceshela nokunye ukusebenza kwemfuyo ngombane.

Imililo yasendle iyaqhubeka iyingxaki enkulu kwiPhondo, kungekuphela njengokubayingozikwindalo esingqongileyo nakwizindlu, kodwa ubomi babantu busengozini ebudeni bale mililo. Imeko yeenkonzo ezininzi zomlilo kwiPhondo, ingakumbi ngaphandle kwemimandla yedolophu, iyinto

exhalabisayo. Imeko yezemali yoomasipala abaninzi bezithili ibangele ukuba izixhobo ezindala neziphelelwe lixesha zingatshintshwa. Ukufunyanwa kwangaphambili nokuxelwa kwemililo yeyona nto iphambili ekunciphiseni ifuthe lomlilo onobutshaba. Le yokugqibela nokuphendula ngokukhawuleza necebo lokuqala lokuhlaselwa kwandisa amathuba okulawula nokucima imililo kwangoko kunokwenzeka.



Imeko Yezomthetho

Amagunya angakumbi acetyiswa Kumqulu Kwidrafti Elungisiweyo Yokuhlola Nokuxhasa Oomasipala baseNtshona Koloni, 2023 oza kwenza oomasipala babekwe esweni ukuze bafunyanwe kwangethuba, kwaye bajongane nemingcipheko enxulumene, nobuqhetseba, urhwaphilizo, ukungaphathwa kakuhle, nokungaziphathi kakuhle.

Impembelelo embi Yemida Ephezulu ekhoyo ngoku ibangela imicelimngeni kakhulu koomasipala, kuba yenza kube nzima koomasipala ukutsala abantu abanamava kakhulu. Oku kunokukhokelela ekwandeni kwemfuno yenkxaso evela kwiSebe yokuthumela okanye yesibini esebenzayo kwizithuba ezingenanto.

Amagunya nemisebenzi enxulumene Nemicimbi Yemveli kneKhoi-San kwiPhondo inikwe uMphathiswa wePhondo onoxanduva loRhulumente weNgingqi. Ngokumalunga nayo, Isebe liyacelwa ukuba linike amandla amaziko, phakathi kwabanye, ekusebenziseni umthetho, ukubeka esweni umsebenzi weKhomishini kwi-Khoi-San Matters, nokucebisa iNkulumbuso ngenkqubo.



Uhlatutyo Lwabathathi-nxaxheba

Umthathi-nxaxheba	Iminikelo
Urhulumente Wesizwe	Abagcini bomthetho ophambili abaphunyezwe kwindawo kamasipala.
Urhulumente Wephondo	Amaqabane abalulekileyo ekuxhaseni urhulumente wasekuhlaleni osebenzayo.
Urhulumente wasekuhlaleni: Oomasipala	Abaphumezi abaphambili beenkonzo ezisisiseko
Icandelo Labucala	Umqhubi ophambili wokukhula kwezoqoqosho
Umbutho Woluntu	Thatha inxaxheba ekucwangciseni nasekuxhaseni ukuphunyezwa kwe-NDP, kwaye ujonge iinzame zokunikezelwa kweenkonzo zikarhulumente.

Umthathi-nxaxheba	Iminikelo
Iindawo zasekuhlaleni	Abamkeli iinzame zokunikezelwa kweenkonzo zikarhulumente ekufuneka kuthethwe nabo ukuze kuqinisekiswa ukuba iipolisi zikarhulumente ziyazifikelela iimfuno zabo.
IAcademia	Ukuxhasa isebe ngoqeqesho, uphando, nophuhliso lwezakhono
Amaqumrhu Okongamela	Amaqumrhu azimeleyo nawomgaqo-siseko anikwe umsebenzi wokongamela kunye noxanduva



Ukuqwalaselwa kwesini

Enye yezinto eziphambili kurhulumente kukulwa ubundlobongela obusekelwe kwisini nokujongana nokulingana ngokwesini. Iinkqubo nemisebenzi yeSebe ijoliswe kubo bonke abemi abafuna inkxaso ngokusekwe kwimigaqo yokuqinisekisa ukulingana ekunikezelweni kweenkonzo. Okuphawulekayo kwidatha exeliweyo yile nto ilandelayo: Ngaphezulu kwe-65% yabantu abafumana iinkonzo zikarhulumente Ngenkqubo yeThusong ngabafazi.

Isebe, lisebenzisana Nenkonzo Yokusingqongileyo Yolondolozo Lwendalo (NCC); neChrysalis Academy, liphumeza iqela lomcimi-mlilo lwasendle lwawo wonke amabhinqa. Le nkqubo ifuna ukwazisa abacimi-mlilo ababhinqileyo kwicandelo eliqhele ukulawulwa ngamadoda lize libafake kumaqela axubileyo emva kweenyanga ezintathu.

Abaphandi abazimeleyo abaphononongwayo bonyuliwe ukuze kuqinisekiswa ukulingana ngokwesini. Oku kubangele ukuba i-50% yamadinga enziwe ngamabhinqa. Ebudeni bonyaka-mali ka-2022/23, i-65% yeendleko ezinxulumene nokutyunjwa kwabaphandi abazimeleyo ibibhatalwa kumabhinqa.

Isebe liza kuqhubeka lijonga iinkqubo zalo ukuqinisekisa ukuba zinceda amaqela asemngciphekweni ekuhlaleni.

8.2 Uhlalutyo Lwagaphakathi Lokusingqongileyo (Indawo Yombutho)

Ekupheleni kwe-31 Matshi 2023, Isebe belinenani elipheleleyo leepowusti ezingama-374 ezisebenzayo, apho kukho ezingama-367 ezingazaliswanga, nto leyo ebangele ukuba kubekho izithuba eziyi-1.9%.

Ingqesho nezithuba ngeprogram, ukususela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023

Inkqubo	Inani leepowusti ezisebenzayo	Inani leepowusti ezizalisiweyo	Izinga lwezithuba %
Inkqubo 1	63	63	-
Inkqubo 2	254	250	1.6
Inkqubo 3	57	54	5.3
Iyonke	374	367	1.9

Iziko Lolawulo Lweentlekele lidlala indima ephambili ekuqinisekiseni ukusabela okuhlangeneyo nokulungelelanisiweyo kuyo nayiphi na intlekele enokwenzeka kwiPhondo. Le nto inkulu ngenxa yeziseko zophuhliso eziphuhlisiwe ngaphezu konyaka ukuze kuqinisekiswa ukudityaniswa okunjalo. Iziko kangangeminyaka lihlala kwisakhiwo esisendaweni yeSibhedlele saseTygerberg. Ukufuduka okucwangcisiweyo kwesibhedlele saseTygerberg, kuthetha ukuba iZiko loLawulo lweNtlekele kufuneka lifuduke, ukuze kwenziwe indawo yesibhedlele esitsha saseTygerberg. Oku kunokubeka esichengeni kakhulu ukukwazi kweZiko ukujongana kakuhle neentlekele ngexesha lokufuduka. Nangona iSebe loRhulumente Wasekuhlaleni Nesebe Lezempilo Nempilontle bavumile ukuchonga isisombululo esisebenzayo, ukufudukela kwenye indawo kunokuba neendleko nomsebenzoi omninzi othatha ixesha elinokuchaphazela ukuthotyelwa

kweZiko ngesikhokelo sezona zinto zibalwa zifunekayo kumaziko okulawula intlekele ” (isaziso 416 sika-2017) esikhutshwe Liziko Lolawulo Lweentlekele Lwesizwe (NDMC).

Ukuncitshiswa kwebhajethi kule minyaka idlulileyo, kubeke iSebe kwinqanaba lokuba lifikelele kwi-MTEF ka-2024 ngokuhanjiswa kweSicwangciso sokuSebenza soNyaka (APP) esele kuncitshisiwe. Ukuyinyanzela ukuba ikhethe ngokugqithiseleyo ekufezekiseni igunya layo lomgaqosiseko njengoko kubonelelwe kwiCandelo 155(6) loMgaqosiseko, oko kukuthi, ukuxhasa urhulumente wasekuhlaleni nokukhuthaza ukuphuhlisa kwesakhono sikarhulumente wasekuhlaleni sokwenza oomasipala bakwazi ukwenza imisebenzi yabo kwaye balawule imicimbi yabo.

Njengoko i-fiscus iqhubeka incipha ngenxa yomngcipheko wezoqoqosho wehlabathi, umngcipheko wezoqoqosho wasekhaya nokuqokelelwa kwengeniso, ayinomandla ethu ezemali kuphela axinzelelweyo kodwa neyona nto ibalulekileyo, abasebenzi bethu. Abasebenzi baxhalabile ngokulinganayo kwaye banexhala ngemeko engagcinekiyo apho kufuneka banikezele ngakumbi ngezibonelelo ezibalwa. Imeko yangoku ibeka engozini, hayi nje igunya leSebe, isicwangciso, izibophelelo, irekhodi yolawulo olulungileyo, kodwa nokunikezelwa kweenkonzo kubemi, okunegalelo kwimida yendlela abaphila ngayo abemi. Izinto ezintsha, ukuphuculwa kokusebenza kakuhle nokunceda, umda wenkcitho yeCoE nenani eliphambili, ukunciphisa inkxaso-mali yeprojekthi, ukuxhasa ngemali kwii projekthi ezithile, nokunciphisa ibhajethi yentsebenzo kuye kwaphunyezwa ukuze kujongwe umda kumyalelo walo womthetho nokunikezelwa kweenkonzo. Ngaphandle koku kungasentla, umda womsebenzi weSebe uyaqhubeka nokwanda, uxelelwa ngokungeniswa komthetho omtsha nezilungiso kumthetho okhoyo, ubukhulu becala, ukulwa nemeko engasebenziyo yoorhulumente basekuhlaleni kweli lizwe. Ulwabiwo lweendima ezongezelelweyo kunye noxanduva lwenzeka xa kungekho mgaqo “wemali elandela umsebenzi”.

8.3 Ukulungelelaniswa nezinto eziPhambili kuZwelonke nakwiPhondo

Izinto eziphambili zeSebe zichazwa zizinto eziphambili zikazwelonke, zamaphondo kunye noorhulumente basekuhlaleni

8.3.1 Ukulungelelaniswa Nesikhokelo Secebo Sexesha Eliphakathi

Ukulungelelaniswa Nesikhokelo Secebo Sexesha Eliphakathi (MTSF) kufuneka kuqondwe kwimeko yokuba iSebe lilungelelaniswe neSicwangciso Secebo sePhondo sikaRhulumente weNtshona Koloni njengoko kucacisiwe kule theyibhile ingezantsi.

	Kwezinto eziphambili kwi-MTSF	Izinto Eziphambili KwiSebo lePhondo	Ungenelelo lwePolisi ye-DLG
1	Ukwakha imeko efanelekileyo, yokuziphatha neyophuhliso	<ul style="list-style-type: none"> Izibonelelo noqoqosho oludibeneyo Ubuchule, Inkcubeko Nolawulo 	<ul style="list-style-type: none"> Inkxasomali Yesithili Esidibene Nesixeko (JDA) Ujongano lwabemi - Ukuphuma kwemfundo yoluntu Ukomeleza ulawulo noxanduva
2	Utshintsho lwezoqoqosho nokudalwa kwemisebenzi	<ul style="list-style-type: none"> Ukwanda Kwemisebenzi Izibonelelo noqoqosho oludibeneyo Ubuchule, Inkcubeko Nolawulo 	<ul style="list-style-type: none"> Ulawulo olulungileyo nokusebenza koomasipala IsiKhokelo soLawulo lweNtlekele sePhondo - Ukomeleza amandla oLawulo lweNtlekele kaMasipala Ukwakha nokugcina iziseko zophuhliso Ukudala imeko evumela ukukhula koqoqosho ngokomelela kwezibonelelo zamanzi - IsiCwangciso seminyaka eli-15 sokuxhathisa kwamanzi eNtshona Koloni (WCWRP) linkqubo Zokusebenzisana ne-DEDAT ekusetyenzisweni kweNkqubo kaMasipala Yokuxhathisa Kwamandla (MER) Ukusebenzisana neArhente Yophuhliso YaseFransi (AFD) ukuphonononga izinto ezintsha kwiindlela zenkxaso-mali nokuphunyezwa kweziseko zophuhliso neemodeli
3	Imfundo, izakhono nempilo	<ul style="list-style-type: none"> Impilo-ntle 	<ul style="list-style-type: none"> Qinisa uMdibaniso wabemi - emva kokhathalelo lwesikolo usebenzisa amaZiko aseThusong Izifundo Zikamasipala Zokuthweswa Iziqu
4	Ukudibanisa umvuzo wentlalo ngeenkonzo ezisisiseko ezithembekileyo nezisemgangathweni	<ul style="list-style-type: none"> Impilo-ntle Ukuphucula izibonelelo zokhuseleko kwiindawo zikawonke-wonke 	<ul style="list-style-type: none"> Yandisa ukhuseleko lweendawo zikawonke-wonke Ujongano lwabemi Ukuphucula ukufikelela kwiinkonzo ezisisiseko ngeNkqubo ye-MIG
5	Ukudityaniswa kwendawo, ukuhlala kwabantu kunye norhulumente wasekuhlaleni	<ul style="list-style-type: none"> Impilo-ntle Ukuphucula izibonelelo zokhuseleko kwiindawo zikawonke-wonke 	<ul style="list-style-type: none"> Inkxasomali Yesithili Esidibene Nesixeko (JMMA) Ujongano lwabemi - Ukuphuma kwemfundo yoluntu Ukomeleza ulawulo noxanduva
6	Ukudibana kwezintloko nokukhuseleka	<ul style="list-style-type: none"> Impilo-ntle Ukuphucula izibonelelo zokhuseleko kwiindawo zikawonke-wonke 	<ul style="list-style-type: none"> Yomeleza Ukusebenzisana Kwabemi Inkxasomali Yesithili Esidibene Nesixeko (JMMA) Ukomeleza ulawulo noxanduva Izicwangciso Eziphambili Zeziseko Iqhinga Elidityanisiweyo Lokhuseleko Lomlilo Nobomi

	Kwezinto eziphambili kwi-MTSF	Izinto Eziphambili Kwiicebo lePhondo	Ungenelelo lwePolisi ye-DLG
7	IAfrika nehlabathi elingcono	<ul style="list-style-type: none"> Ukwanda Kwemisebenzi Izibonelelo noqoqosho oludibeneyo Ubuchule, Inkubeko Nolawulo 	<ul style="list-style-type: none"> IsiKhokelo soLawulo lweNtlekele sePhondo - Ukomeleza amandla oLawulo lweNtlekele kaMasipala Ukwakha nokugcina iziseko zophuhliso Ukudala imeko evumela ukukhula koqoqosho ngokomelela kwezibonelelo zamanzi - liprogramu ZesiCwangciso seminyaka eli-15 sokuxhathisa kwamanzi eNtshona Koloni (WCWRP)

8.3.2 Izinto eziPhambili kwiPhondo likaRhulumente weNtshona Koloni

Ukongeza kwisigunyaziso sayo sowiso-mthetho, iSebe linegalelo kungenelelo oluphambili lomgaqo-nkqubo we-WCG. Igalalelo lethu langoku linokushwankathelwa kule theyibhile ingezantsi.

Eyona nto iphambili	Ungenelelo
Ukhuseleko	<ul style="list-style-type: none"> Ukulawula kakuhle intlekele kwiPhondo Fundisa uluntu ngomngcipheko wentlekele namanyathelo okufuduka ngokusebenzisa Amaphulo Okwazisa Ngengozi Yenza Uvavanyo Lomngcipheko Nobungozi ukuze kugqitywe ngoluntu olusemngciphekweni nokuphuhlisa iindlela zokunciphisa umngcipheko Yandisa ukhuseleko lwabantu ngokubanika izibane zemasti eziphezulu
Ukwanda Kwemisebenzi	<ul style="list-style-type: none"> Amathuba enziwe ngeNkqubo Yemisebenzi Yasekuhlaleni Ukuququzelela utyalo-mali kwiziseko zophuhliso ezixhasa ukudalwa kwemisebenzi nge-MIG Ukukhawulezisa Inkqubo Yophuhliso lweZiseko eziZinzileyo neZibonelelo zeMali (ukuhanjiswa kwezibonelelo) Ukhuseleko nokomelela kwamanzi njengenxalenye yeSicwangciso sePhondo Sokomelela Kwamanzi (iWCIDWRP yeminyaka eyi-15) (Ukhuseleko Lwamanzi) Yiba Negalelo Uze Uxhase Inkqubo Yokhuseleko Lwamandla Kwiphondo Inkqubo yoPhuhliso lweZiseko eziZinzileyo neZibonelelo zezeMali (SIDAFF)
Impilo-ntle	<ul style="list-style-type: none"> Ukuphucula ukufikelela kwiinkonzo zikarhulumente ngeNkqubo ye-Thusong - Amaziko eNkonzo ye-Thusong noPhumezo, kunye neeProjekthi zoPhuhliso loLuntu noqoqosho ezifana neeHomework Hubs Ukuphucula ukufikelela kwiinkonzo ezisisiseko ngenkqubo ye-MIG
Ubuchule, Inkubeko Nolawulo	<ul style="list-style-type: none"> Oomasipala abalawulwa kakuhle ngokongamela, ukwakha amandla nokukwazi ukulawula Ucwangciso Nolawulo Oomasipala abalawulwa kakuhle Ukuphendula ngokudibeneyo ekuhlaselweni komhlaba Uphuhliso, uphononongo, nokulungiswa kwee-IDP neenkqubo zokuthatha inxaxheba koluntu

Ubudlelwane phakathi koorhulumente: Ukusebenzisana Okuthe Nkqo Nokuthe tye

ISebe likwadlala indima ephambili yolungelelwaniso kwizakhiwo ezahlukeneyo zobudlelwane phakathi koorhulumente (IGR) kwakunye nezinto eziphambili zePhondo likaRhulumente weNtshona Koloni (WCG). Oku kunika ithuba kwiSebe lokuququzelela iingxoxo neprojekthi ezinxulumene neendawo zebhujethi kwinqanaba likarhulumente wasekuhlaleni.

8.3.4 Izinto eziphambili kwiSebe

Isebe libandakanyeka kwezi zinto zilandelayo – ezinye zazo zikhokelwa liSebe kwaye kwezinye iSebe libandakanyeka kakhulu.

Eyona nto iphambili	Indawo Ekugxilwe Kuyo
Ulawulo lukaMasipala	<ul style="list-style-type: none"> Gcina ulawulo olulungileyo koomasipala abangasebenziyo Ukunciphisa ukothuka kwamabhunga oomasipala omanyano nonyulo lukaZwelonke nolwamaphondo luka-2024 Ubuqhetseba, urhwaphilizo kunye nolawulo olubi
Ujongano lwabemi	<ul style="list-style-type: none"> Ukwandisa ukufikelela kwiinkonzo zikarhulumente nenkcazelo Ukomeleza ukuthatha inxaxheba koluntu Ukuqiniswa konxibelelwano koomasipala Ukuphumeza iiprojekthi zentlalo nezoqoqosho ekuhlaleni
Uphuhliso lwezibonelelo zikaMasipala	<ul style="list-style-type: none"> Qinisa ucwangciso lwezibonelelo, uphuhliso nolondolozo Unikezelo lweenkonzo oluzinzileyo noluphuculweyo kubemi
Ukumelana Namanzi	<ul style="list-style-type: none"> Ukuzimisela nokuxhobisa imithombo emitsha yamanzi (iqula) Nciphisa ukulahleka kwamanzi, ukuphunyezwa kweSicwangciso saManzi seminyaka eli-15 Ukuphucula ulawulo nokugcinwa kwezixhobo zamanzi Ukuphucula/ukwandisa ubuchule bobugcisa boomasipala Phuhlisa uze wamkele isicwangciso sokuqinisekisa ukuba amanzi akhathalela indalo kwixesha eliphakathi nelide
Ukuxhathisa Kombane	<ul style="list-style-type: none"> Izicwangciso ze-Energy Master Ukuya kwiidolophu “ezisingacinyelwa umbane”
